



I-intanethi ikunika ithuba lokudlala imidlalo, lokuthenga, nokuncokola nezihlobo njengoko usenza kwimihla ngemihla.

Ingayindawo enobungozi ebantwaneni.

Oku kubangelwa kukuba kukho abantu abasebenzisa i-intanethi ngeenjongo ezingalunganga.





Abanye abangalunganga kwabo basebenzisa i-intanethi ngaba:

- Ngabantu abathabatha ngobusela iinkcukacha zomntu bazisebenzisele inkohlakalo.
- Ngabantu abazizibhongobhiyane ezithetha rhabaxa nomntu, eziphoxisa ngaye, kunjalo bayasithoba isidima somntu.
- Ngabantu abakuqhathayo nabafuna ukuba nobudlelwane nawe, ukuze bakusebenzise ngendlela engeyiyo.



Uza kufunda ngokubanzi kula maphepha alandelayo.



Ukuze uhlale ukhuselekile kumasela athatha iinkcukacha zabantu. Sukwabelana nabo kwi-intanethi ngezi nkcukacha zilandelayo:

- Igama lakho lokwenene
- Inombolo yakho yomnxeba
- Idilesi yakho
- Iinkcukacha (malunga nabantu bakokwenu)
- Isikolo ofunda kuso

Ezi nkcukacha zenza kubelula kumasela eenkcukacha ukuba bazenze wena kwi-intanethi.



Umntu oxhaphaza abanye kwi-intanethi ngulowo wenza oku:

- Wabelana nabanye abantu ethetha kakubi ngawe
- Ukuphethe kakubi

Ukumakhasi onxibelelwano, kumagumbi okuncokola kwi-intanethi, kumagumbi okudlala kwi-intanethi nakumakhasi onxibelelwano. Xelela umntu omthembileyo ukuba ukhathazekile ngumntu okuxhaphazayo kubomi bemihla ngemihla nakwi-intanethi.



Abantu abakha ubuhlobo nabantwana kwi-intanethi bazama:

- Ukufumana ulwazi oluphangaleleyo ngawe.
- Ukwakha ubuhlobo nawe kuba befuna ubathembe.
- Ukukhangeleka belungile, benobubele.
- Ukubonakala bekhathala.
- Ukucela umfanekiso wakho.
- Ukwenza oku bekucengela ukuba wenze izinto ezingalunganga.

Balumkele abantu odibana nabo kwi-intanethi.



Akuphelelanga ekufumaneni abantu abangalunganga kwi-intanethi. Kukwakho neenkcukacha ezingeyonyaniso nezingalunganga.

Sukukholelwa kwinto yonke oyifunda kwi-intanethi.

Cela umzali okanye utitshala akuncedise niqinisekise ukuba iinkcukcha ezikwi-intanethi ziyinyaniso okanye aziyonyaniso.



Xa usebenza kwi-intanethi:

- Luthwale uxanduva.
- Yiba nentlonipho.
- Hlala ubaze iliso, ulumkile.

Xa usenza konke oku, uyakuhlala ukhuselekile kwi-intanethi.



Xa uthumela iinkcukacha kunye nemifanekiso kwi-intanethi unoxanduva lwako konke oko ukuthumelayo.

Cinga ngobulumko phambi kokuba uthumele nantoni na.

Iinkcukacha okanye imifanekiso ingasetyenziselwa ukuphatha wena gadalala okanye abantu bakokwenu.

I-intanethi ayikulibali oko wena ubukuthumele nokuba ungakucima.



Zihloniphe kwakunye nabanye abasebenzisi be-intanethi: ngokuthathela ingqalelo oko ukuthethayo, oko ukuthumelayo, noko ukwenzayo.

Ungazivi uneentloni ukuxelela abazali bakho ngayo yonke into eyenzeka kwi-intanethi, okanye nangaye nabani na odibana naye kwi-intanethi.



Hlala ubaze iliso xa ukwi-intanethi. Asinguye wonke okhangeleka ngathi ngumhlobo wakho, ongumhlobo wakho ngokwenene.

Sebenzisa ulwazi olukule ncwadi uzikhokele ukuze uhlale ukhuselekile kwi-intanethi.

## ——Imibuzo

1. Xela izinto zibembini onokuzenza kwi-intanethi.
2. Chaza iindidi zabantu abenza izinto ezingalunganga kwi-intanethi.
3. Kutheni kubalulekile nje ukucela umntuomdala akuncedise xa usebenza kwi-intanethi?
4. Bhala izinto ezimbini ekungafunekanga wabelane ngazo kwi-intanethi.
5. Ungenza ntoni xa uziva ungakhuselekanga kwi-intanethi?
6. Chaza iindidi zibe mbini zolwazi olungangakulungeli kwi intanethi.
7. Ayinguye wonke umntu obonakala engumhlobo wakho, ongumhlobo wakho. Kuthetha ukuthini oku?
8. Ungaqonda njani ukuba ulwazi olufumana kwi-intanethi luyinyani?

Le ncwadi yamabali yazisa ngesigama sesiseko sokufunda ngeekhompyutha. Lelinye lamabali amane axhasa ukufunda nokufundisa okugxile kubuxhakaxhaka bala maxesha sikuwo. Le ncwadi yayilwa yaza yabhalwa njengenxalenye yeZenex Ulwazi Lwethu eyiprojekthi yokufundwayo kuka-2021. Le ncwadi yamabali inemifanekiso efumaneke ngephephamvume kwiiwebhusayithi (kwiziza zolwazi) zakwaPixabay noPexels.